



IMIYALELO YONYANGO OLUNGXAMISEKILEYO LWE-ANAPHYLAXIS

INALITI NESIRINJI

UMLINGANISELO UWUTHATHA NGOLU HLOBO

- Vula Isirinji
- Faka Inaliti Eluhlaza
- Vula i-Adrenalin
- Tsala i-Adrenalin
- Phakamisa isirinji inaliti ijonge phezulu:
kuza kubakho umoya kwisirinji
- Jika isirinji ngokukhawuleza de umoya ube phezulu
- Tyhala isitofu ukuze kuphume umoya
- Tyhala isitofu kuphume i-adrenalin de kushiyeke
umlinganiselo ochanekileyo kwisirinji
- Ngcutha ngenaliti phezulu ethangeni
- Tofa esihlunwini

I-EPIPEN/I-EPIPEN JNR

- Vula isiciko esityheli okanye esiluhlaza se-Epipen.
- Khupha i-Epipen ngokuyityhala iphume kwityhubhu ehlala kuyo.
- Ngesinye isandla tsala umqheba oluhlaza oyibambileyo.
- Bamba i-Epipen wenze inqindi, incam e-orenji ijongiswe phantsi.
- Sondeza incam e-orenji ethangeni phezulu.
- Betha ze uyityhale ngamandla ethangeni de kuthi nqakra
ukuze iyunithi imelane nethanga (i-engile engu-90 degrees).
- **QAPHELA: I-AUTO – INJECTOR YENZIWE NGOHLOBO
LOKUBA IDLULE NGAPHAYA KWEMPAHLA OYINXIBILEYO.**
- Bamba i-EpiPen ngokuqinileyo ethangeni kangangemizuzwana
eli-10 ukuze kuphume iyeza.
- Shenxisa iPen ethangeni.
- Isingxobo senaliti esi-orenji siza kogquma inaliti yonke.

ILUNGELO LOBUNINI: ALLERGY SOCIETY OF SOUTH AFRICA

2013



linguqulelo-lwimi zixhaswa nguCIPLA